Nelson Mandela
Metropolitan
University
for tomorrow
Port Elizabeth & George
Imibuzo
Esoloko
Ibuzwa

Umthamo

Intlalo e-NMMU

Kutheni i-NMMU? 2

Funda@NMMU

Ndicela njani ukufunda e-NMMU? 3

Ingaba likhona ixesha elimisiweyo lokuphelelwa kwezicelo? 3

Luqulathe ntoni udliwano ndlebe necandelo? 3

Ukuba andiphumeleli ukufumana izifundo ebendizikhethe kuqala, ndiyavunyelwa ukufunda ezo zibambe indawo yesibini kuluhlu lwezifundo endikhetha ukuzifunda? 3

Ukuba iziphumo zam zika Juni/Julayi azikho ntle ndingaqhubekeka ngesicelo sokufunda e-NMMU? 4

Loluphi ulwimi ekufundiswa, kufundwe ngalo e-NMMU? 4

Ingaba zonke izingqinisiso (qualifications) ezifumaneka e-NMMU ziyamkelwa kwamanye amazwe? 4

Ndinakho ukutshintshela kweli ziko lemfundo ephakamileyo ndisuka kwelinye? 4

Ingaba i-NMMU iyabancedisa abo bafumene izidanga ukufuna umsebenzi? 4

Iinkcukacha ngemali

Zeziphi iintlobo ezahlukileyo zemirhumo ezihlawulwayo? 5

Zeziphi iimali ezinikelwa imfundo ezifumanekayo e-NMMU? Kwaye umntu angasenza njani isicelo kuzo? 5

Indawo yokuhlala

Ingaba iYunivesiti yase-NMMU inazo iindawo zokuhlala? 7

Ukuba ndihlala e-Bhayi okanye e-George ndinakho ukuhlala phakathi kwiindawo zokuhlala? 7

Luhlobo luni lwendawo zokuhlala ezinikezelwa ezikhampasini? 7

Ukuba ndihlala ngaphandle kweendawo zokuhlala, ndinakho ukuthabatha inxaxheba kwizinto zobomi bomfundi? 7

Yimalini ukuhlala ngaphakathi? 8

Ingaba abafundi bayatyiswa kule Yunivesiti? 8

Ingaba ndiyaqinisekiswa ngendawo yokuhlala? 8

Ingaba ndakuhlalisana nomnye umfundi okanye ndakuzihlalela ndedwa? 8

Ulwazi oluthe vetshe

Ndingalufumana phi olunye ulwazi ngamalungelo okukhetha izifundo e-NMMU? 8

UMbono, iMishini neeNqobo ezisemgangathweni zase-NMMU 9

Inqaku Lokukwamkela

Siyabulela ukuba ufune ukwazi nge-Nelson Mandela Metropolitan Yunivesiti (NMMU), iYunivesiti ekulungiselela ukumelana nomngeni wempangelo nekamva lakho.

Lencwadana yemibuzo eqhelekileyo, izama ukunika iimpendulo kwimibuzo engundoqo onokuba nayo malunga nokufunda e-NMMU. Siyathemba ukuba olu hlobo lulula yenziwe ngalo le ncwadana luyakwenza ukuba ufune ngakumbi ukwazi nge-NMMU de ekugqibeleni sikubone ukunye nathi kule Yunivesiti kwixesha elizayo. Singxamele ukwamnkela e-NMMU.

Injinga-Iwazi uDerrick Swartz
Ingqonyela –NMMU

“Ukubhalisela ukufunda e-NMMU kungaba sesinye sezigqibo ezibalulekileyo ngenkqubela-phambili yobomi bakho.”

Indlela ekuphilwa ngayo e-NMMU

Kutheni uzakukhetha i-NMMU?

I-NMMU ifezekisa iminqweno yakho ngoludwe lwezifundo olusekelezelwe kwinkcubeko ekhathalele ubume bemeko yendawo okuyo.

- **Indawo emi kuyo:** I-Yunivesiti yase-NMMU ine khampasi ezintlanu ezi kwizibuko laseBhayi, ze ibe nekhampasi enye e-George. Ezindawo zombini zikulungele ukufezekisa ubomi bakho eYunivesiti, zikunika lonke uncedo onokuludinga kwintlalo ekhuselekileyo nenobuhlobo yedolophu engqongwe bubuhle bendalo – ukusuka kunxweme neentaba ukuya kwithanga lezilwanyana zasendle namahlathi endalo.

- **Amava ethu ngolwazi oluphangaleleyo:** I-NMMU inoludwe lwezifundo olungaphezulu kuma-500, kunye namasebe engqeqesho amaninzi egqwesa kuwo. Sidume ngobuchule bokuyila (*art and design*), ukwakha, ezocwangciso-mali, ezobunjineli, ezempilo nobugcisa beendawo ezisirhangqileyo kunye nolwazi kubuchwephesha bekhompuyutha. Singumgcini -sihlalo wabaphandi Emzantsi Afrika kwicandelo le *nanophotonics*, injineli kwezeemoto, *mechatronics and HIV/Aids* kwezemfundo. Ubuninzi bezifundo buquka amava emisebenzini njengenxenye yekharikyulam, ekunika uncedo lokuba ubenakho ukuqeshwa ngoko nangoko emisebenzini.

- **Impucuko namasiko- ngamasiko ethu:** Siyeyona Yunivesiti ineentlobo-ngetlobo zamasiko e-Mzantsi Afrika, kunye nabafundi abavela kumazwe angama-34 elizwekazi le-Afrika. Siqhagamishelana namaziko aphambili ehlabathini ukuqinisekisa ukuba abafundi bethu badlala indima elulutho kuzo zonke iindawo abathi bazifumane besebenza kuzo.

- **Sinenkathalo:** I-NMMU inika amathuba okuhlangana nokusebenza ngokwenkcubeko, into leyo ethetha ukuthi ungonwaba ngelixa ufunda. Kukho imibutho yobudlelwane ngenkcubeko nangezemidlalo, kunye neendawo zokuzilungiselela imidlalo ezenza ukuba ufumane abahlobo abatsha, usebenzisane nabanye abafundi, uhlola nezinto ezifanayo eninomdla kuzo. Iinkonzo ezininzi ezixhasa abafundi ziyanikezelwa ukuncedisana nawe kubomi bokuba ngumfundi apha.

Abafundi bayakwazi ukufikelela kwi lebhu (amagumbi okuphanda ngobugcisa) ngokwezifundo abazilandelayo, amagumbi okufundela, amathala eencwadi, bafikelele nakwiinkonzo zeengcebiso, ezempilo nendawo zokutyela kwaneevenkilana zokuphunga. I-NMMU iyabanceda nabo bakhubazekileyo.

Funda@NMMU

Ndicela njani ukufunda e-NMMU?

Kufuneka kuqala uqiniseke ukuba uya zanelisa iimfuno zokungena ngokoludwe lwezifundo olukhethileyo. Fumana ikopi yencwadana enoludwe lwezifundo zabafundi abasafundela isidanga sokuqala kunye nefom kwi ofisi yokubhalisa okanye kwikompyuta kule websaythi (www.nmmu.ac.za/application).

Usakuba ugqibile, kufuneka usingenise isicelo sakho ngesandla okanye ngeposi kwi-ofisi yokubhalisa kunye namaxwebhu afunekayo nemali yesicelo. Imali yesicelo iyatshintsha minyaka le, ngako oko ke nceda ubonane ne-ofisi yokubhalisa uqiniseke ngayo. Abacela indawo benabazali abakhe bafunda e-NMMU, abayihlawuli le mali ukuba bacele indawo ngaphambi komhla wokuvala ekuqaleni kwenyanga ka-Agasti yonyaka ngamnye. Bonke abaceli ndawo abalindelekileyo bayakubhalelwa baziswe ngeziphumo zezicelo zabo.

Ingaba likhona ixesha elimisiweyo lokuphelela kwezicelo?

Ewe, izicelo zabo bacela uludwe oluthile lwezifundo zabafuna ukufundela isidanga sokuqala ziyavalwa ngomhla wokuqala kweyeThupha (Agasti). Izicelo ziyakwamkelwa emva kwalo mhla kodwa ngentlawulo engaphezulu. Akukho siqinisekiso sokuba uyakwamkelwa emva kwalo mhla nanjengoko indawo yokuqala inikwa abo banezicelo ezifike ngaphambi komhla wokuvala.

Luqulathe ntoni udliwano -ndlebe necandelo?

Ngabo bacele ukufunda uludwe oluthile lwezifundo ekufuneka baye kudliwano ndlebe. Ngolu dliwano ndlebe kungafuneka ukuba uthi thaca ingxowa yeencwadi (*portfolio*) zomsebenzi wakho ukuphendula imibuzo ngezinto onomdla kuzo nezingamaphupha akho. Ingcombolo malunga neemfuno zodliwano ndlebe nengxowa yeencwadi (portfolio) zakuthunyelwa kuwe emva kokuba isicelo sakho sidluliselwe phambili. Iingxowa zencwadi (portfolios) zifunwa kuphela kwabo bafundi bacela ukufundela ukuphuhlisa izakhono zabo kwicandelo lokuyila izinto ezibonakalayo (*visual arts*).

Ukuba andiphumelelanga ukufumana izifundo ebendizikhethe kuqala ndiyavunyelwa ukufunda ezo zibambe indawo yesibini kuluhlu lwezifundo endikhetha ukuzifunda?

Ewe, kuqala kuzanywa ukuba lowo ucela indawo afunde ezo zifundo ebezikhethe kuqala, ze ukuba akakwazi kungena kuzo ngenxa yokungafikeleli kumanqaku afunwayo anikwe uvavanyo olukhangela luqinisekise ukuba unakho kusini na ukuba avunyelwe afunde ezo zifundo abezikhethe kuqala. Xa umfundi osacela indawo engakwazi ukufumana amanqaku amvumela ukuba afunde izifundo abezikhethe kuqala kolu vavanyo, uye avunyelwe ukuba akhethe ezinye izifundo, ukuba kusekho indawo kwicandelo alikhethayo.

Ukuba iziphumo zam zika Juni/Julayi azikho ntle ndingaqhubekeka nesicelo sokufunda e-NMMU?

Abo bacela ukufunda bangasebenzisa iziphumo zabo zokugqibela zebanga leshumi elinanye (Grade 11) ukucela indawo yokufunda kule Yunivesiti ngaphambi kosuku lokuvala ngo Agasti. Kodwa kuyakufuneka ukuba bangenise okonye bathumele neziphumo zika Juni/Julayi zebanga- 12 (Grade 12) kungenjalo, basebenzise iziphumo zenyanga ka-Septemba ukuze bafumane indawo okomzuzwana e-NMMU. Isigqibo sokugqibela sithathwa kujongwe iziphumo zokugqibela zebanga- 12.

Loluphi ulwimi ekufundiswa, kufundwe ngalo e-NMMU?

Nangona i-NMMU izimisele ukuzisebenzisa zonke iilwimi, olona lwimi lusetyenziswayo sisiNgesi. Sizama ukuphuhlisa siphucule isiXhosa ukuze silungele ukusetyenziswa, sikhusela someleze nolwimi lwe-Afrikaans.

Ingaba zonke izingqinisiso (*qualifications*) ezifumaneke e-NMMU ziyakwamkelwa kwamanye amazwe??

Ewe, uludwe lwezifundo olufundiswa e-NMMU luyamkelwa ngokuqinisekileyo ngawo onke amaqela obuchule nobugcisa.

Ndinakho ukutshintshela kweli ziko lemfundo ephakamileyo, i-NMMU, ndisuka kwelinye?

Ewe, abafundi abacela indawo beqale imfundo yabo kwamanye amaziko emfundo ephakamileyo, banakho ukucela ukugqibezela izifundo zabo e-NMMU. Kufuneka ukuba abafundi abacela indawo baqiniseke ukuba kwizicelo zabo zikhona izatifikethi zokuziphatha nenkcazo yemfundo ephakamileyo (*academic record*) abayifumene kuloo maziko emfundo ephakamileyo abafunda kuwo kwakunye nefom yeziko elo.

Ingaba I-NMMU iyabancedisa abo bafumene izidanga ukufuna umsebenzi?

IYunivesiti iyazama ukunikezela ngolwazi neenkonzo ezifumanekayo ukubaxhobisa abafundi, ze bazi ukuba banokuyifumana njani imisebenzi emva kokufumana izidanga. Icandelo lothwaliso zidanga nobeko lwabafundi kwizithuba zomsebenzi ezibafaneleyo (*Graduate and Student Placement*) lincedisa abafundi ukufumana umsebenzi obalungeleyo ngendlela ezininzi eziquka itheko lorwebo (*careers fair*) kanye ngonyaka.

Iinkcukacha ngemali

Zeziphi iintlobo ezahlukileyo zemirhumo ezihlawulwayo?

- **Umrhumo wokucela indawo (*Application fee*):** Bonke abafundi abacela indawo yokufunda kufuneka behlawule lo mrhumo ungabuyiswayo behlawulela iindleko zokubhalisa.
- **Umrhumo wokuba wamkelwe (*Enrolment fee*):** Umrhumo wokubhalisela ukwamkelwa ufakelwa nje ngetyala kwi-akhawunti yomfundi yaye kufuneka uhlawulwe ngonyaka.
- **Intlawulo ekheshi yokuba ubhalwe encwadini (*Registration fee*):** Lentlawulo ikheshi iyeyokuqala kwezihlawulela ukufunda. Ibonakala njengentlawulo esele ihlawulwe kwi akhawunti yomfundi.
- **Umrhumo wezifundo (*Tuition fees*):** Umrhumo wezifundo ubalwa ngokwemilinganiselo (*modules*) ekhethwe ngumfundi okanye uludwe lwezifundo acele ukufunda lona. Ezi ntlawulo ziyohluka. Inkcazelo ethe vetshe iyakunikwa umfundi esakube ehlawulele ukubhalwa ezincwadini ebhalisela ukufunda uludwe oluthile lwezifundo apha e- NMMU.
- **Umrhumo wendawo yokuhlala (*Residence fee*):** Abafundi abamkelwa kwiindawo zokuhlala e-NMMU, kuyakufuneka bahlawule ngoko nangoko umrhumo ohlawulwa phambi kobhaliso (*registration*), intlawulo eyidiphozithi yendawo yokuhlala kwakunye neyokutya esisibonelelo esikhutswa yiYunivesiti.

Zeziphi iimali ezinikelwa imfundo (Bursaries/ Funds/ Scholarship) ezifumanekayo e-NMMU? Kwaye umntu angasenza njani isicelo ukuze azifumane?

- **Umvuzo onikwa umfundi ekuqinisekiweyo ukuba yincutshe (Scholar Merit Awards):** Lo mvuzo ulungiselelwe umfundi ogqwese ngokufumana amanqaku aphezulu kwiimviwo zebanga le-12 (Grade 12). Okukhona emahle amanqaku omfundi, kokukhona isehla intlawulo yomrhumo. Akukho sicelo sifunekayo – Umvuzo lo uyazenzekela. Amanqaku ayanikezelwa kwii-simboli zosixhenxe zezifundo ze-NSC, ze loo manqaku adityaniswe kuwo onke amanqaku awafumeneyo umfundi.

- **Umvuzo onikwa abafundi uvela kwingqonyela yase-NMMU: (*NMMU Vice Chancellor's Scholarships*)** Kutsha nje ingqonyela iqalise ukuvuza okanye ukupha abo bafumana amanqaku aphezulu ngemali abanokufunda ngayo nakweyiphi na iyunivesiti kweli loMzantsi Afrika. Le mali ingama- R60 000 ngonyaka, iyavuselelwa okutsha qho emva konyaka kwabo basafundela isidanga sokuqala okanye idiploma, kuxhomekeka ukuba umsebenzi wabo uhleli ukudidi oluphezulu. Ama- 25 emivuzo ngemali zokufunda ezikhutshwa yingqonyela zinikezelwa minyaka le. Ukufumana ulwazi olupheleleyo ngalo mba, tsalela eli candelo: Marketing & Corporate Relations kule nombolo (041 504 3084).

- **Umvuzo webhasari kubafundi (*Student Merit Bursaries*):** Abafundi ababuyela kule Yunivesiti banakho ukufumana lomvuzo webhasari, kodwa loo nto ixhomekeke kumanqaku abo okugqibela onyaka odlulileyo. Abafundi abaphumelele yonke imilinganiselo emiselweyo ngama 70% okanye ngaphezulu, (koxhomekeka ekutshintsheni kwalo mlinganiselo), bafumana umvuzo webhasari, kujongwe ukuhla nokunyuka kwexabiso lerandi. Elona xabiso lincinane ngama-R3000. Esi sipho sinikwa kuphela abo bangabahlali boMzantsi Afrika.

- **IiBhasari zezemidlalo (*Sport Bursaries*):** Abalawuli bezemidlalo e-NMMU banikezela ngeebhasari zemidlalo ezingamaxabiso ahlukileyo kwabo babonakalisa isakhono ekudlaleni nakukhuphiswano kwizinga eliphezulu . Iifom zezicelo ziyafumaneka kwi-ofisi yabo. E-meyili: Charmaine.button@nmmu.ac.za or utsalele kule nombolo: 041 504 2496. Umhla wokuvala: Phambi kokuphela kwenyanga ka-Oktobha kunyaka ngamnye.

- **Imali Encedisana Nabafundi kaZwelonke (*National Student Financial Aid Scheme - NSFAS*):** Le yimali-mboleko kaRhulumente eyongezelelwe ngesipho esingama-40% esiyibhasari engahlawulelwayo, kuxhomekeka kwindlela aqhuba ngayo umfundi kwizifundo zakhe. Ezi mali zenzelwe abafundi abahlelelekileyo kodwa, benakho ukufunda baphumelele. Nanje ngoko iimali-mboleko zingakwazi ukuhlawulela yonke into, abafundi bayakhuthazwa ukuba bakhangele ezinye iimali kwezinye iindawo ukongezelela kule. Ngabafundi abaphuma kumakhaya angayenziyo imali eli-R140 000 kudityaniswe imivuzo yabo bobabini abazali ngonyaka ekufuneka bafake izicelo. Izicelo kufuneka zenziwe kwifom evunyiweyo phambi komhla we-30 kuOktobha kunyaka ngamnye. Iifom zokwenza esi sicelo ziyafumaneka kuzo zonke ii-ofisi ezinceda ngemali ukususela ngo-Meyi kunyaka ngamnye. Iifom zezicelo ezingagqitywanga azisayi kwamkelwa.

- **IiBhasari ezilawulwa yi-NMMU: I**ibhasari ziyafumaneka kubafundi abafunda ngokupheleleyo bezinikwa ziinkampani okanye abaphathiswa babucala. Izicelo zoncedo ngemali eziphuma kwiimali ezilawulwa yi-NMMU, kufuneka zenziwe kwifom efumaneka kwii-ofisi zoncedo ngemali kwikhampasi eseZantsi (e-South Campus).

Indawo yokuhlala

Ingaba iYunivesiti yase-NMMU inazo iindawo zokuhlala?

I-NMMU yiYunivesithi ekuhlalwa kuyo, ikunika ubomi obu-qaqambileyo buneempucuko zonke umfundi anokufunda kuzo ngokupheleleyo. I-NMMU inikezela ngeendawo zokuh-lala ezizintlobo ezahlukileyo kubafundi abakumanqanaba ahlukileyo kubomi babo njengabafundi.

Ukuba ndihlala eBhayi okanye e-George ndinakho ukuhlala phakathi kwindawo zokuhlala?

Ngelishwa akunakho. Nanjengoko iindawo zinqongophele, abafundi abahlala kummandla ongama-60km kufuphi neYunivesiti eBhayi okanye e-George abakwazi ukufaka izicelo zendawo yokuhlala. Kuphela ziimeko ezingaqhelekanga zodwa ezinokwenza ukuba izicelo zabafundi abahlala kwezi ndawo zamkelwe. Ezo zicelo kufuneka zenziwe kwicandelo elijongene nokuhlalisa abafundi (*Student Housing Department*) lizijonge.

Luhlobo luni lwendawo zokuhlala ezinikezelwa ezikhampasini?

Indawo nganye ilungiselelwe ukuba namagunjana okulala amabini ze abafundi basebenzise kunye igumbi lokuhlambela. Anqabile amagumbi afumanekayo alungiselelwe umfundi omnye. Wona anikwa abafundi esele kukudala bekho, nabo benikwa ngokuqaqamba kwemisebenzi yabo. Iindawo zokufunyanwa koncedo ziyohluka kumhlaba ngamnye (*campus*) wale Yunivesiti.

Ukuba ndihlala ngaphandle kweendawo zokuhlala ndinakho uku-thabatha inxaxheba kwizinto ezingobomi bomfundi?

Ewe, kuba bonke abafundi abangahlali ngaphakathi e-Yunivesiti bathathwa njengamalungu endlu ye Oppidani (*Oppidani House*) besaziwa njenge *Oppies*. Kuyakhuthazwa ukuthatyathwa kwenxaxheba kwizinto ezingezifundo, ezinje ngezemidlalo nempucuko nezinye izinto.

Yimalini ukuhlala ngaphakathi?

Imirhumo yeendawo zokuhlala iyohluka, ixhomekeka kuhlobo lwegumbi olunikiweyo (elomfundi omnye okanye ababini). Ngaphezulu komrhumo wokuhlala ngaphakathi abafundi abahlala kwiindawo zokuhlala kufuneka bahlawule phambili intlawulo zokubhalisa nemali yediphozithi yezinto ezinokwaphulwa ngulo mfundi ucela indawo. Ukufumana ulwazi oluthe vetshe, funda incwadana ecacisa ngemali yase-NMMU (*NMMU Finance Guide*).

Ingaba abafundi bayatyiswa kuleYunivesiti?

I-NMMU iyabavumela abafuna ukuzityisa kwakunye nabo bafuna ukuphekelwa batyiswe. Ezondawo zokuhlala zinabafundi abaziphekelayo ziindawo ezihlala abafundi esele kudala belapha bekumabanga aphezulu ngezifundo, ze abo basaphekelwa apha ibengabo bakunyaka wabo wokuqala nowesibini belapha. Iindawo zokutyela zibanika ulwazi ngesidlo sakusasa, esasemini kwakunye nesangokuhlwa neentwana-ntwana ezinokufumaneka. Umfundi unakho ukuchaza kwangaphambili kwisichazi (booking and *billing system* okanye i-*Meal Management System*) ukuba ufuna esiphi kwizidlo zaloo mini neentwana-ntwana ezikhoyo.

Ingaba sikho isiqinisekiso ngendawo yokuhlala?

Nanjengoko indawo inqongophele akungabo bonke abafundi abayakufumana indawo yokuhlala. Kufuneka umfundi athumele isicelo sakhe ngethuba, kwaye umfundi akayikunikwa indawo yokuhlala engekathathwa kwicala lokufunda e-NMMU.

Ingaba ndakuhlalisana nomnye umfundi okanye ndakuzihlalela ndedwa?

Bonke abafundi abakunyaka wokuqala bayahlalisana nabanye abaqalayo. Bambi bakhetha ukuhlalisana lonke ixesha bese-NMMU. Amagumbi ahlala umntu omnye anqabile, yaye anikwa abo bafundi sele bezakugqiba, nabo benikwa ngokokusebenza kwabo.



Ulwazi oluthe vetshe

Ndingalufumana phi olunye ulwazi ngamalungelo okukhetha izifundo e-NMMU?

Abafundi abasacela indawo banakho ukufumana olunye ulwazi malunga nezifundo ezahlukileyo abanokuzikhetha ngokuqhagamishelana nokuba yeyiphi kwezi nombolo zilandelayo:

Iikhampasi zaseBhayi:
Inombolo yefoni: 041 504 1111
E-meyili: admissions@nmmu.ac.za or info@nmmu.ac.za

- PO Box 77 000
- Nelson Mandela Metropolitan University
- Port Elizabeth • 6031

Iikhampasi zase George
Inombolo yefoni: 044 801 5111
E-meyili: george-info@nmmu.ac.za

- Nelson Mandela Metropolitaanse Universiteit
- George Campus
- Private Bag X 6531
- George • 6530

Umbono

Ukuba yiYunivesiti yase Afrika ehamba namaxesha, ehlonitshwayo ngenxa yobunkokheli nokudala ulwazi olunokusetyenziswa ngoku nakwixesha elizayo.

Imishini

Ukunikezela ngamathuba emfundo ahlukileyo oqobo.

Iinqobo ezisemgangathweni

Ukuhlonipha iyantlukwano

Ukubalasela ngokupheleleyo

Ubuntu

Isidima

Ukuhlonipha indalo

Ukuthabathela kuwe umthwalo

Nceda uqonde ukuba le mbalelwano yenziwe kwiphepha elinobuhlobo nobume bendalo.

BOOMTOWN.CO.ZA NMMU0125

North Campus, Summerstrand

South Campus, Summerstrand

Bird Street Campus

Missionvale Campus

George Campus

Second Avenue Campus